



# Wes-Kaapse Provinsiale Parlement Western Cape Provincial Parliament IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

## IMIBUZO

## UXWEBHU LWEMIBA 16

UPHENGULULO 1, 13 JULAYI 2016

Ilungelo laMalungu lokubhekisa imibuzo kuBaphathiswa yinxalenye ebalulekileyo yokuqinisekisa ukunika inkcaza kweSigqeba kwiPalamente. Iimpendulo kwimibuzo zithi mhlawumbi zinikezelwe ngomlomo kwiNdlu okanye ngembalelwano.

Imithetho esisiseko yemibuzo neempendulo ikwiMithetho eSisigxina, izigwebo zikaSomlomo nesenzo esisekiweyo. Imibuzo ingabhekiswa kuBaphathiswa ngokunxulumene neqwanqwa loxanduva lwabo.

Ngokufutshane, imithetho esisiseko kwimibuzo ime ngolu hlobo lulandelayo:

- Xa kubhekiswa umbuzo, akukho ngxoxo okanye luvo lunokunikezelwa.
- Umbuzo kufuneka unikezele ngolwazi olusisiseko kwaye akufuneki uqulunqwe ngokungathi uphakamisa impendulo.
- Imibuzo mayinxulumane nolawulo lukarhulumente okanye umgaqo-nkqubo kwaye kufuneka ubhekiswe kuMphathiswa onoxanduva.
- Imibuzo akufuneki izabalazele uvakaliso loluvo, uluvo lwezomthetho okanye ubuze ukuba ingaba iintetho ezenziwe koonondaba zichanekile na.
- Imibuzo akufuneki izabalazele isisombululo kwingxaki eqikelelwayo okanye ibe nobugcisa obuthile, ingacaci okanye ingabi nantsingiselo.
- Imibuzo akufuneki iphakamise imiba ephambi kweenkundla zomthetho okanye iqikelele umcimbi wosuku.

### Imibuzo ebhekiswa kwiNkulumbuso kungenziwanga saziso

Imibuzo ingabhekiswa kwiNkulumbuso kungenziwanga saziso kuLwesine wokuqala weseshoni kunye noLwesine wesibini emva koko, ngaphandle koLwesine weveki apho iVoti yeShedyuli kwiNkulumbuso kuMthetho oSayilwayo woLwabiwo-mali okanye iNtetho yayo yoBume bePhondo ixoxwa khona. Imizuzu engamashumi amabini iyavunyelwa kwimibuzo kunye neempendulo.

Imithetho ebalulekileyo malunga nemibuzo ebhekiswa kwiNkulumbuso kungenziwanga saziso ilolu hlobo:

- ILungu lingabhekisa umbuzo kwiNkulumbuso kuphela xa igama lalo livela kwiPhepha loLuhlu lweMicimbi ukulungiselela loo njongo.
- Ayingomagama angaphezu kwesixhenxe achongwa ngokungakhethiyo ukuba abekwe kwiPhepha loLuhlu lweMicimbi.
- Ukuba ngaphezu kwamagama amabini aMalungu amele kwa iqela lezopolotiko elinye achongiwe, kuphela ngala mabini okuqala achongiweyo anokuqukwa kumagama abekwe kwiPhepha loLuhlu lweMicimbi.

- Ukuba igama elichongiweyo livele kwiPhepha loLuhlu lweMicimbi kuqala leLungu leQela leNkulumbuso, kufuneka liguqulelwe kwiLungu elilandelayo kuluhlu elingelilo eleqela leNkulumbuso.
- ILungu elibiziweyo lingabeka umbuzo omnye ocacileyo kwaye, ngoko nangoko emva kokufumana impendulo kuwo, imibuzo emibini elandelayo emayinxulumane nombuzo wasekuqaleni okanye nempendulo.

### **Imibuzo efuna impendulo yomlomo**

Imibuzo efuna impendulo yomlomo **ingazabalazela impendulo ethe ngqo** esuka kuMphathiswa onoxanduva kwaye ayifuni zimpendulo zobume beenkcukacha okanye iinkcukachamanani.

Imithetho ebalulekileyo malunga nemibuzo efuna impendulo yomlomo ilolu hlobo:

- Imibuzo kufuneka ingeniswe ngexesha ukunika uMphathiswa ixesha elaneleyo ukulungiselela impendulo.
  - Imibuzo efuna impendulo yomlomo inyinwe yayimibuzo emibini kwiLungu ngalinye ngosuku lwemibuzo.
  - Imibuzo efuna impendulo yomlomo inyinwe yayimibuzo emine ngoMphathiswa, kwiLungu ngalinye ngosuku lwemibuzo.
- Imibuzo efuna impendulo ebhaliweyo ayinakuqulatha ngaphezu kwamacandelwana amahlanu.
- Ixesha elenzelwe imibuzo efuna impendulo yomlomo yimizuzu engama-45.

### **Imibuzo efuna impendulo ebhaliweyo**

Imibuzo efuna impendulo ebhaliweyo kuqheleke ukuba izabalazele ulwazi oluneenkukacha okanye oluneenkukachamanani.

Imibuzo akufuneki inikezele ngolwazi kuphela, ithumele uluvo oluthile, ibe yintetho okanye ibe mide kakhulu.

Imithetho ebalulekileyo malunga nemibuzo efuna impendulo ebhaliweyo ilolu hlobo:

- Imibuzo efuna impendulo ebhaliweyo ayinakuqulatha ngaphezu kwamacandelwana ali-15.
  - Xa iNdlu ihleli, iLungu lingangenisa imibuzo emithathu efuna impendulo ebhaliweyo ngeveki.
  - Xa iNdlu ingahlelanga, iLungu lingangenisa kuphela umbuzo omnye ofuna impendulo ebhaliweyo ngeveki.
- Ukuba uMphathiswa onoxanduva akakhange awuphendule umbuzo phakathi kwiintsuku zokusebenza ezili-10 zeNdlu emva kosuku apho umbuzo ububekelwe impendulo ebhaliweyo, okanye xa iNdlu ichithakale ngexesha leseshoni, iintsuku zokusebenza ezili-13 emva kokuba umbuzo ububekiwe kuqala kwiPhepha leMibuzo, iLungu lingacela ukuba uNobhala kwiPhepha leMibuzo efuna impendulo yomlomo.

### **Imibuzo yoqhawuliso**

Umbuzo woqhawuliso “yingxoxo-mpikiswano encinane” yemizuzu eli-15 kumbuzo ongaqulathanga ngaphezu kwamacandelwana amabini.

Imithetho eyongezelelweyo yemibuzo yoqhawuliso ilolu hlobo:

- Inani lemibuzo yoqhawuliso ngosuku inyinwe yaba mithathu.
- Imibuzo yoqhawuliso kuqalwa ngayo ngoLwezine.